

funeka sibhatala iR10 000, kuqhagho lwabucala," utshilo uNokuzola.

U-Sisanda ominyaka ingama-25 ebesandul' ukuthweswa isidanga sakhe yidyunivesithi iNMMU, yaye ebesakhangela umsebenzi kwicala loqoqosho nokubaliwa kwemali. "Ndimdala mna, ngoku kufuneka ndikhulise usana olubomvu, yaye andiyazi izakuvela phi imali yokondla olu sana. Umntwan'am akasekho yaye ndinomindo, ndikwacaphukile yile ndlela imeko iyiyo. Xa ndingenakuthemba isibhedlele ukuba sinyange, yaye sibe nenkathalo, singaya phi ke?" Ubuze esitsho uNokuzola.

Isithethi sesebe lezempilo eMpuma Kapa uSizwe Kupelo uphendule wenjenje, "Sazisiwe lusapho malunga nale nyewe, yaye sisasiphanda isizekabani sokubhubha kweli nenekazi." Xa simgoca-goca ukuba kufuneka kubhubhe abangaphi ukuze isibhedlele sithatyathelwe amanyathelo, uphendule wathi, "Abantu mabaqonde ukuba icandelo lokubelekisa eDora Nginza lelee meko ezixhoma amehlo kwabo bamithiyo, ngoko ke imicimbi ekumilla kunje ingenzeka. Sizakuthetha noku sapho sakufumana ingxelo epheleleyo emva kophando."

Walile lo kaKupelo ukuphendula umba wesixaxa-mali esele siliawulwe lisebe elo, kuhlawul-elwa le ntswela-nkathalo. Wanele nje ngokuthi, "Andinakwazi ukuthi thaca esona sixa, kodwa kwiminyaka edlulileyo siliawule izigidi zemali."

Ise luzenge-zenge ityala lokuduka komntwana

LIZEKA TANDWA

lizeka@zithethele.co.za

Urnama obe liliso kusana oluminyaka mi-3 uZanoxolo Solomon owaduka xa kukekela lo nyaka uphelileyo, ukhululwe ngebheyile ye-R1000 ngoMvulo, emva kophando lwamapolisa ngezityholo zobuqhophololo nohwapihlizo ezityatyekwa lo mama kunye namagosa enkundla amabini. Ngokwengxelo yamapolisa uXoliswa Mashiqana obebekwe njengaliso kule mveku yakwa Solomon, utyhlowa ngokunyoba amagosa enkundla amabini, ukuba benze ubumene-mene bokuba imali ye-insurance esuka koyena nina ongasekhoyo wolu sana, inikwe yena.

Le mali yayilungiselelwe imfundo kaZanoxolo.

U-Colonel Jackie Grobler olipolisa eliphandayo uyicacise le nyewe wenjenje, "Xa besiphanda ngokuduka kolusana, sibhaqe ukuba lo kaMashiqana unyobe amagosa enkundla ngama-R7500 lilinye emveni kokufumana umgodlo wemali ebulungiselelwe ukujongana nalo mntwana."

Amapolisa athi le mali yathi yafakwa kwi-akhawunti yonina wosana ongasekhoyo ngobuqhophololo, kanti okaMashiqana usayisebenzisa loo akhawunti. Uye ke wayitsala izizambhuku loo mali, eyididiyela kweyakhe i-akhawunti. "Kudala ingunomji phakathi kosapho lakwaSolomons noMashiqana, kusiliwa ngokuba ngubani omakajonge lo mntwana nomakabe liliso kwiimali zolu sana," wongeze watsho uGrobler.

Esi sinxiba-mxhaka sikwathe basathe bhazalala, bekhangelala olu sana yaye benethemba lokufumana uZanoxolo esaphila. "Eli tyala lendele, yaye sizama ukugrumba neengcambu eyona nyani. Sizimisele ukumfumana lo mntwana kuba siqinisekile ukuba unobangela wokunyamalala kwakhe wayamene nezi zityholo zobuqhophololo," ugadlele watsho okaGrobler.

Nabanina onokuba nolwazi malunga neli tyala maqahagamshelane no Colonel Grobler kwa 04140566500.



uZanoxolo Solomon

WUKE SMAQANDEZI WAKEUP

**DO YOU HAVE A SMALL BUSINESS YOU WANT TO GROW?
OR DO YOU HAVE A BUSINESS IDEA YOU KNOW WILL WORK?
JOIN THE HOPE FACTORY BUSINESS DEVELOPMENT COURSE.***

*All successful candidates will receive a full bursary from The Hope Factory. Terms and conditions apply.

**CALL US TODAY!
041 484 7400
www.thehopefactory.co.za
81 CAWOOD STREET, NORTH END, PE**

